**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**OCTOBER / NOVEMBER 2005**
**OKTOBER / NOVEMBER 2005**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHAKAMILEYO**
**(Iphepha Lesithathu)**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**AMANQAKU: 120**

---

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B, C.
- Kwicandelo A khetha isihloko sibe sinye ubhale ngaso isincoko
- Kwicandelo B kunemibuzo emithathu, khetha sibe sinye isihloko kumbuzo ngamnye.
- Kanti kwicandelo C uza kukheha umbuzo ube mnye kwemine ebuziweyo.

---


ICANDELO A

**UMBUZO 1**

**IZINCOKO**

Khetha ubhale isincoko sibe siNye. Ubude mabube ngama – 450 amagama (amaphepha amabini jwi).

1.1 Ndakuqwalasela lo mfanekiso ungezantsi, kukho into entshulayo entiliziyweni yam – "Ndiguge ndinje! ndiza kufana nalo mfana, ndithwale isidanga nam". Bhala isincoko-ntelekelelo ngesifundiswa oza kuba siso, wakuba ufunda nsebenza. (40)



**Tyhila**

1.2 Qwalasela lo mfanekiso ulandelayo uze wakuba uzanelisile, uvume okanye uchase inkqubo yaba bantu "Ndikhetha ukuya kufela egqirheni lesintu kunokufela esibhedlele" Gxeka okanye uncome naliphi na icala eliva umxhelo wakho. (40)



1.3 Akukho sibonda siguga namaxolo aso. (40)

1.4 Izibhedlele ziyaphuphuma, ingaba likho na ithemba? (40)

1.5 Umthetho mawuxoze omnye umphini, kungenjalo, safa zezi zikrelemnqa! (40)

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

ICANDELO B

**UMBUZO 2**

**ILETA:**

Khetha aubhale nge-ncwadi ibeNye kwezi zilandelayo. Mayibhalwe kwiphepha elinye kuphela, idilesi, isiqolo, isiqu nesiphelo.

2.1 Yenza I-odolo yamacwecwe omculo owathandayo kwinkampani eyaziwa nguwe. Wachaze kakuhle amacwecwe owafunayo kwaneemvumi zawo, ukuze i-odolo yakho ihambe kakuhle faka nemali kaloku. (20)

**OKANYE**

2.2 Bhalela umhlobo wakho osenyongweni umbalisele ngeminqweno nezicwangciso zakho, wakuba uphumelele ibanga leshumi. (20)

**OKANYE**

2.3 Bhalela umphathiswa weZolimo namaHlathi umlume indlebe ngobuqhetseba obenzeka kweli candelo lakhe, yena engaboni. (20)

**[20]**

## UMBUZO 3

**IMIHLATHI EBHALWAYO:**

Khetha ubhale ngomhlathi omNye kule ilandelayo. Ubude mabube liphepha elinye kuphela.

3.1 Unengxaki emsebenzini. Unomdovu womsebenzi obunokwenziwa ngabantu abathathu kodwa wenziwa nguwe wedwa. Thumela iMemorandam ebhalwe nguwe kumphathi wakho. Waziwa nguwe ke naloo msebenzi ukongameleyo. (20)

**OKANYE**

3.2 Yenza isingeniso sedayari yakho. Iziganeko mazilandelaniswe neentsuku nemihla yazo nenkcazelo ethe gca onokuthi nokuba uyithi thaca le dayari phambi kwenkundla yamatyala ibe lingqina lakho. Zikho kaloku ezikujija umxhelo apha ebomini. (20)

**OKANYE**

3.3 Bhala ubomi ngomfi (obhitshwari) omaziyo obesele ekhe wasebenza iminyaka enosapho. (20)

**[20]**

## UMBUZO 4

**IMIHLATHANA:**

4.1 Yenza isibhengezo-ntengiso semoto/indlu okanye nantoni na eninqwela ukuyithengisa esidlangalaleni kokwenu. Yincome ze batsho baxhwithane abathengi. (10)

**OKANYE**

4.2 Thumelela umnakwenu l-emiyile njengoko iyenye yeendlela ezikhawulezayo zokuhambisa umyalezo, umxelele ngezinto ezibalulekileyo ekufaneleke ukuba azazi ngokukhawuleza. (10)

**OKANYE**

4.3 Yamkela/Thumela umyalezo ngemfonomfono. Cacisa umyalezo wakho. (10)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [50]**

ICANDELO C

Khetha umbuzo ube MNYE kweli candelo:

**UMBUZO 5**

***Apha Naphaya* – D.M. Jongilanga**

Funda ezi zicatshulwa zingezantsi uze uphendule imibuzo eya kuzilandela.

**Isicatshulwa A**

> Imini yokwalusa inkwenkwe yimini yeemini kwaXhosa. Aqala amaXhosa abe ndlongodlongo kuxutywe uburhalarhume nemincili kuba kuza kuzalwa umfo omtsha. Eli siko lidala, laye aliphelelwa xesha njengoko amanye angoonoxesha, athi nya emva koko. Lifanele ke kambe kuba liyenye yeentsika zonqulo lwamaXhosa. Ungaqonda kule nto yokuba inkwenkwe phambi kokuba yaluswe iqala emlanjeni ize mhla yaphuthunywa endle igqibele emlanjeni, yandule ukuthanjiswa, bube ke buphelile ubunqambi kuyo. Le nto ke isibonisa ukuba unqulo lwamaXhosa, ubhaptizesho lokuqala lolwaluko ayenalo, kanti nolwamanzi ayenalo engekahlangani nohlanga oluMhlophe.

5.1 5.1.1 Sithini isihloko seli balana? (1)

5.1.2 Ngubani inkwenkwe yayiza kwaluswa kweli bali? (1)

5.1.3 Nika amagama abazali bale nkwenkwe. (2)

5.1.4 Kukho ukungqubana kwezimvo phakathi kwaba bazali. Khawutyebise. (2)

5.1.5 Mangaphi amakhwenkwe angena kanye nale yeli khaya? (1)

5.1.6 Angena ngeyiphi inyanga kanene? (1)

5.1.7 Emva kweentsuku ezintathu engenile, kukho isifo esihlasela le nkwenkwe yakweli khaya. Sesiphi? (1)

5.1.8 Akhutshwa ngayiphi ingoma? (1)

5.1.9 Iyingoma yantoni leyo? (1)

5.1.10 Emva kweenyanga ezintathu ephumile, leliphi ikrwala elaya kooyisemkhulu? (1)

5.1.11 Kwathiwa yintoni isizeka bani sokusweleka kwalo? (3)

5.1.12 Zithini izimvo zakho malunga nendlela yokuqhuba eli siko? (4)

**Isicatshulwa B**

> "Tyhu! SesaseVayineki zintombi."
> "Ukuba akufuni kusebenza tyath' igaba. Ndiza kukuhlawulela owuphi umsebenzi? Akuyazi into oze kuyisebenzela? Uze kufuna iitiki zokuhlohla?
> "Bantu! Ndihlalwe ngumzondo na, le nto kuphunywa nam?" Iphendule yatsho le ntwazana.
> "Eyiphi imali? Ezi ntsuku zone ulapha ulibele kukuzenza ihashe lomvangeli?"
> "Tyhu! Andilobanjwa mna ndingesosiporho sasaVayineke. Ndinike imali yam.'

5.1.13 Nika amagama abantu ababini abathethayo apha. (2)

5.1.14 Kwenziwa ntoni kule ndawo? (1)

5.1.15 Babehlawulwa malini abasebenzi balapha? (1)

5.1.16 Umqeshi uthetha ukuthini xa esithi kule ntombazana izenza ihashe lomvangeli? (1)

5.1.17 Sithini isihloko seli balana? (1)

5.1.18 Ngubani igama lenkosikazi yomqeshi? (1)

5.1.19 Esi sihloko seli balana sihambelana njani nomxholo walo? (4)
**[30]**

**OKANYE**

5.2 Hlalutya ibalana elithi 'Uyise kaDengana' phantsi kwezi ngongoma:

5.2.1 Isihloko. (4)

5.2.2 Ingxaki ekhoyo. (10)

5.2.3 Isisombululo. (12)

5.2.4 Imfundiso. (4)
**[30]**

**UMBUZO 6**

***Sasinoncwadi Kwatanci* – S. C. Satyo Nabanye**

6.1 6.1.1 Lakheke njani iqhina? (3)

6.1.2 Abaluleke ngantoni amaqhina eluntwini? Nika imisebenzi yawo ibe MIHLANU. 1x5=(5)

6.1.4 Kubaluleke ngantoni ukulinganisa ngomzimba xa umbalisi-ntsomi abalisayo? (3)

6.1.5 Sesiphi isilwanyana esasingusihlalo wentlangano kwintsomi engedama lezilwanyana? (1)

6.1.6 Kwakuyo le ntsomi, zeziphi izilwanyana ezimbini udyakalashe wayengafuni ukumba nazo idama elo? (2)

6.1.7 Ucinga ukuba kwakutheni udyakalashe angafuni ukusebenza nazo? (3)

6.1.8 Sifundo sini esisifumana kule ntsomi ithi “Idama lezilwanyana”? (2)

6.1.9 Yakha amaqhina anokuba neempendulo ezifana nezi:

a. Ngugovane.
b. Yinkaba.
c. Ngumvundla.
d. Liphango.
e. Sisigcawu. 1x5=(5)

6.1.10 Nika iindidi zibe NTATHU zoncwadi lwatanci. (3)
**[30]**

**OKANYE**

6.2 6.2.1 Hlalutya intsomi ethi “Igqabi lenkosi” phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

a. Umyalelo. (3)
b. Ukutyeshelwa komyalelo. (3)
c. Ungcungcutheko. (8)
d. Usindiso. (4)

6.2.2 Chaza imisebenzi yezi zangotshe zingezantsi phatsi kwesimbo sokubalisa intsomi.

a. Uphinda-phindo. (2)
b. Umculo. (2)
c. Izifanekiso-zwi. (2)

6.2.3 Yiza nemvelaphi yeqhalo elithi “Isiziba siviwa ngodondolo”. (6)
**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO C: [30]**

**AMANQAKU EWONKE: 120**

**ISIPHELO**